



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2019**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1  
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

---

Le memorandam inamaphepha ali-9.

---

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebezise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganiqwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalirkwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebezise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

**ISICATSHULWA A**

1.1 Yimisebenzi enzima nekwarhabaxa. ✓ (1)

1.2 Kubhekiselelw ekurhaleleni icuba ✓✓/ ekubaweleni icuba ngamandla. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

1.3 'Kuyo yonke loo nto indoda ibiwakha umzi wayo iwugqibe, yondle usapho lwayo, ilunxibe ize kuqwela ilufundise.' ✓ (1)

1.4 Umgangatho wentlalo ngaloo maxesha ubuphantsi kakhulu. ✓✓ (2)

1.5 Ukutya okulinywe emasimini nasezitiyeni kunesondlo ngaphezulu kokutya okuphuma ezinkonkxeni. ✓✓/ ukutya okulinywe emasimini nasezitiyeni kokona kunika impilo. ✓✓/ kungokuba kunezakha mzimba. ✓✓

**[Nayiphi na impendulo echanekileyo]** (2)

1.6 Imivuzo ebihlawulwa abasebenzi bamaxesha angaphambili ibiphantsi, kanti imivuzo ehlawulwa abasebenzi banamhlanje iphezulu ✓✓/ imivuzo ehlawulwa abantu bangoku iyancumisa xa sithelekisa naleyo ibisakuhlawulwa ngaphambili. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

1.7 Kukubonakalisa ukuba abasebenzi bala maxesha banethamsanqa, kodwa elo thamsanqa alenzi mahluko kwiimpilo zabo. ✓✓/ kukubonakalisa ukuba abantu bale mihla nangona befumana imivuzo encumisayo loo mivuzo ayenzi mahluko kubomi babo. ✓✓/ kukubonakalisa ukuba imivuzo yabantu bale mihla ephezulu ayibonakali. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

1.8 Umbhali uveza ukuba imali engamaphepha ayibubo obona butyebi koko ingumqondiso nje wobutyebi obukhoyo obumbiwa phantsi komhlaba obugcinwe koovimba abakhulu bemali. ✓✓ (2)

1.9 Xa kusithiwa ixabiso lemali lihlile sukuba lithelekiswa nexabiso lezinye iimali zamanye amazwe, ze lifumanek liphantsi kunezinye iimali. (1)

1.10 E 'Stock Exchange'✓/ kwiimalike zemali. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

1.11 B. ✓✓/ B.Ukuyibekela ukuyenza ngomso into kuyingozi ✓✓/ Ukuyibekela ukuyenza ngomso into kuyingozi. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

- 1.12 Akulunganga, kuba abazukwazi ukuzenza ngokupheleleyo iingxaki ebezilinde le mivuzo. ✓✓/ akulunganga, kuba iphela incinci imali abayifumanayo. ✓✓

### OKANYE

Kulungile, kuba xa beyinikwa yonke imali yabo bangaphela bengawabhatali amatyala abanawo ✓✓/ kulungile, kuba bangaphela bewadoja amatyala. ✓✓

#### [Nayiphi na impendulo echanekileyo]

(2)

- 1.13 Ndifunde ukuba kumaxesha angaphambili abasebenzi babefumana imivuzo ephantsi kodwa bekwazi ukuziqabelisa iingxaki zabo, kanti kwixesha langoku abasebenzi bafumana imivuzo ephezulu kodwa abakwazi ukuziqabelisa iingxaki zabo. ✓✓/ ndifunde ukuba imali yeli xesha ayinaxabiso ✓✓/ ndifunde ukuba imali kweli xesha iphelela ezandleni. ✓✓

#### [Nayiphi na impendulo echanekileyo]

(2)

### ISICATSHULWA B

- 1.14 Aba bantu bakulo mfanekiso baphila impilo ephantsi. ✓✓ (2)
- 1.15 Isinxibo sabo, ✓ kunye nomgangatho wendlu abemi ecaleni kwayo. ✓ (2)
- 1.16 'Ezindlwini zabo babengenazimpahla zinobunewunewu nabuyokoyoko yaye nabo impahla abebeyinxiba ibiyeyexabiso elisezantsi.' ✓✓/ 'Umgangatho wentlalo ngaloo maxesha ubuphantsi kakhulu, abantu bephila ubomi obungenazindleko zibhekaphi.' ✓✓

#### [Nayiphi na kwezi]

(2)

- 1.17 Impilo engcono yile iphilwa ngabantu abakwisicatshulwa B, kuba ayinazingxaki zininzi zemali ✓✓/ yile ikwisicatshulwa B, kuba baphila ubomi obulula. ✓✓

### OKANYE

Impilo engcono yile ikumhlathi wesi-6 kwisicatshulwa A, kuba nangona bebhatala izavenge zezindlu nezinye izinto kodwa bahlala kwiindawo ezikumgangatho ophezulu. ✓✓

#### [Nayiphi na impendulo echanekileyo]

(2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundsi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

### QAPHELA

- **Imo**
  - Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqjweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

## UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

<b>UCAPHULO</b>	<b>IINGONGOMA</b>
1. 'Kumaxesha amandulo, kusadliwa ngendeb' endala, umntu ubelithatha ixesha lakhe xa ethetha naxa esenza.'	1. Ngexesha lakudala abantu babengangxami xa besenza izinto.
2. 'Umhambi ebexatyiswe kakhulu kuba kaloku kuy' apha bekuncwaswe iindaba zelo cala avela kulo.'	2. Undwendwe beluhlonitshwa kuba bekuncazwa kulo konke okuqhubeka kwelo cala luvela kulo.
3. 'Izithuthi ezikhawulezayo bezingekho kuloo maxesha, kuhanjwa ngeenyawo okanye ngamaqegu.'	3. Mandulo bezingekho ezi zinto zikhwelwayo zihamba ngesantya esiphezulu, abantu bebexhomekeke kwiinyawo namahashe.
4. 'Kule mihla siphila kuyo thina ixesha libalulekile kwaye nathi silixabisile.'	4. Kwezi ntsuku ayikho into ebaluleke nexatyiswe njengexesha.
5. 'lingxaki neenkathazo ezithi zihluphe umphefumlo ziyayichaphazel intliziyo kuba zimenza umntu asoloko ecinga nzulu.'	5. Zonke izinto ezixakekisa umphefumlo ziye zibe nefuthe ekucingeni nasekubetheni kwentliziyi.
6. 'Impilo yethu iyonzakala lolu xheshondini kuba sigqibela sinezifo ezinjengezi: isifo sentliziyi, ...'	6. Ukuhamba ngesantya esiphezulu kwezinto kubangela abantu babe nezifo ngezifo ezinxulumene noxinzelelo Iwegazi.
7. 'Impucuko asikwazi kwaye asinqweneli ukwahlukana nayo kuba isizele nokhanyo nezinye izinto ezenze ukuba sibufumane ubomi bulula.'	7. Kunyanzelekile impucuko ikho kuba ize nendlela ephucukileyo yokwenza izinto nobomi obulula.

### UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Ngexesha lakudala abantu babengangxami xa besenza izinto. Undwendwe beluhlonitshwa kuba bekuncazwa kulo konke okuqhubeka kwelo cala luvela kulo. Mandulo bezingekho ezi zinto zikhwelwayo zihamba ngesantya esiphezulu, abantu bebexhomekeke kwiinyawo namahashe. Kwezi ntsuku ayikho into ebaluleke nexatyiswe njengexesha. Zonke izinto ezixakekisa umphefumlo ziye zibe nefuthe ekucingeni nasekubetheni kwentliziyi. Ukuhamba ngesantya esiphezulu kwezinto kubangela abantu babe nezifo ngezifo ezinxulumene noxinzelelo Iwegazi. Kunyanzelekile impucuko ikho kuba ize nendlela ephucukileyo yokwenza izinto nobomi obulula.

[70 amagama]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Impendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifikwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1 3 circle funding. ✓ (1)

3.2 Kubantu abadinga imali ✓/ kubantu abafuna ukuboleka imali ✓/ kubantu ababolekisa ngemali ✓/ koomatshonisa. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

3.3 Kukufuna ukubhatala amatyala ✓/ kukufuna ukuthenga oko angenako ✓/ kukufuna ukubhatalela umntwana iimali zesikolo ✓/ kukuba athenge oko akunqwenelayo. ✓

**[Nayiphi na impendulo echanekileyo]** (1)

3.4 Kukudlwengula umxhelo ✓✓/ kukwenza umdla ✓✓/ kukutsala iliso. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

3.5 Yingcinga yokuba akanamali ✓✓/ yingcinga yokuba uphucekile. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

3.6 B. ✓ / B. Dola yaseMerika ✓/ Dola yaseMerika. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

3.7 Unxulumana ngokuba umfanekiso uveza umntu obonakalisa ukungabi namali ngokuthi akhuphe ipokotho yebhulukhwe ngaphandle, ube umbuzo ubuza ngokungabi namali yoneleyo. ✓✓/ unxulumana ngokungabi namali. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

- 4.1 Unxibe ngokwahlukileyo kwabanye ✓/ sisinxibo ✓/ nguye oza nomba wentlanganiso. ✓

**[Nasiphi na isibini]** (2)

- 4.2 Kukugxothwa kwabanye abasebenzi ✓✓/ ukudendwa kwenani elithile labasebenzi. ✓✓

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

- 4.3 Iphuhlisa ingcinga yokuba oomama abamelwanga ngokukuko kule ntlanganiso. ✓✓

(2)

- 4.4 Ibonakalisa ukungamthembi ✓/ ibonakalisa ukungamthandi ✓/ ibonakalisa ukumcaphukela ✓/ ibonakalisa ukungamginyi ncum ✓/ ibonakalisa ukungamboneli ntweni. ✓

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

- 4.5 Inganesiphumo esibi kuba umbona njengenja. ✓

(1)

- 4.6 Luluvo, kuba akho amadoda akwaziyo ukuphatha imali ukodlula abanye abafazi ✓✓/ luluvo, akanabungqina bupheleleyo bale ntetho yakhe. ✓✓

**[Nayiphi na impendulo echanekileyo]** (2)  
**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

- 5.1 'Kuthi kusakukhankanya uqoqosho iin✓gqondo zikhawuleze zicinge ngokulondolozwa kwemali ezibhankini nakwezinye iindawo zokugcina imali.' (1)
- 5.2 Phambi kwesibizo ✓/ sandulela isibizo ✓/ sikhokele isibizo. ✓  
**(Nayiphi na kwezi)** (1)
- 5.3 'Injongo yoqoqosho asikokulungiselela imini engaziwayo ...' ✓ (1)
- 5.4 Abantwana abancinci baphulukwa ngumchamo xa belele ✓✓/ sasivene ukuba ze singayithethi le nto, basuka bona abafundi baphulukwa bayithetha. ✓✓  
**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
- 5.5 'Nokuba kungayiphi indlela uya kuvuya ✓ lowo uya kuthi loo mhla wemvula umfikele ewulungiselele.' (1)
- 5.6 Libonakalisa ukungaqiniseki. ✓✓ (2)
- 5.7 Liphuhlisa ukuthatha ngokungacengiyo ✓/ lipuhlisa ukuthatha kungekho mnandi ✓/ lipuhlisa ukuthatha ngolunya ✓/ lipuhlisa ukuthatha ngokungenavelwano✓/ lipuhlisa ukuthatha ngokungenalusini ✓/ lipuhlisa ukuthatha kabuhlungu. ✓  
**(Nayiphi na kwezi)** (1)
- 5.8 Ukuzenza wena ngokunokwakho ✓/ ukuzenza. ✓  
**(Nayiphi na kwezi)** (1)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C:** 30  
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA:** 70













